

INDYEBO YESIHOBE

1. EYABAQALAYO
NABALANDELAYO

USUB A NOSUB B

2. EYEBANGA LOKUQALA
NELESIBINI

U-1 NO-2


James J. R. Jolobe, B.A.
Umqokeleli



BAA 496.371106 J6LO

No. 59/955

BAA 496.371106 JOL e



This book was presented by

Library of Parliament


1955

to the Library of the University of
Cape Town.

Cr.
April 20th
Arch. 21/1/57

D 55/57

Vertical strip of paper on the left edge, possibly a label or binding reinforcement.



INDYEBO YESIHOBE

EYABAQALAYO NABALANDELAYO

USUB A NOSUB B

James J. R. Jolobe, B.A.

Umqokeleli



BA496.371106 JOLO

277

59/955

INTSHAYELELO

Le mihobe ikule ncwadana ikhethwe ngokwazi nokuqikelela ingqondo yomntwana nobomi bakhe namava akhe aselula. Ngenxa yoko kuthathwe kuphela leyo anokuthi umntwana ayifunde ayigcine ngentloko ngothakazelo. Emininzi kuyo apha abantwana bangazifundela ngokwabo xa sebekwazi ukuyifunda incwadi yokuqala yesiXhosa, kuba mifutshane yaye ilula.

Leyo bangenakuzifundela, umtwana angayifundelwa ngumzali okanye yititshala yakhe. Ngeliya xesha xa bangekakhwazi ukufunda abantwana, obafundisayo makawufunde yena ngentloko umhobe ukuze awucengceleze wonke uphela ixesha ngalinye baze bathi bakuba bewuve amaxesha aliqelana abantwana, abameme ukuba bangelele kwiindawo abase bezibambile bade bamkhaphe ekuwenzeni wonke njengoko unjalo.

Ekufundiseni umhobe kubantwana abaseslula kubalulekile ukuba ofundisaye athi akuba ewufundile kwangaphambili ngenyameko awulungiselele intshayelelo ewufaneleyo ngokohlobo lwebali xa sukuba kukho imfuneko, elandela ukuzindla komhobe lowo ngokwawo. Mayiphetshwe into yokuwungenisa entloko umhobe ngokulandela imigca ngemigca. Mawugeniswe ngokuwuphinda-phinda wonke ixesha ngalinye ukuze ube nokungena engqondweni ngokwentsingiselo eya kuwenza ukuba uthethe ulutho kowufundayo, ugcinakale lula kananjalo.

Izimbo okanye izilinganiso ezifanele iindawo ezithile emhobeni makazicinge aziqikelele ofundisa abantwana abaselula ukuze azenze abafundise nabantwana abo ukwenzela ukuba bakonwabele ukuyicengceleza kwabo imihobe.

Ndibulela bonke abathe bavuma ukuba imihobe yabo ifakwe kule ngqokelela yeNdyebo yeSihobe. Amagama abo nango emazantsi kwimihobe leyo yabo. Ndibulela ngakumbi neZishicilelo

ezithe zanikela imvume yokuba ndicaphule imihobe kwiincwadi ezishicilelwe zizo, iZishicilelo ezinje ngeS.P.C.K. ngokuvuma ukuba ndisebenzise imihobe ethile kaMnumzana uS. E. Kr. Mqhayi ekwincwandana egama lithi *Imihobe nemibongo* esintloko sayo sithi *Xhosa Poetry for Schools*; neSishicilelo saseDikeni ngokuvuma ukuba ndisebenzise kule ncwadana eminye yemihobe yam ekwincwadana egama lithi *Lovedale Xhosa Rhymes, IziCengcelezo zase-Dikeni*. Ndibulela neSishicilelo seYunivesiti yaseWitwatersrand ukuvuma ukuba ndisebenzise eminye yemihobe ekwincwadana yam egama lithi *Umyezo* eshicilelwe siso.

J.J.R.J.

1


ELOKUGCAKAMELA

Thunzi! Thunzi!
Bhek' eMbashe.
Langa! Langa!
Yiza ngapha.

J. J. R. Jolobe.

2

ISELE



Nal' isele
Emva kwendlu kabawo!
Lidla licholachola.
Lithi ndakuligxotha,
Lith' ukusuka kwalo,
Tsii! gxada!
Tsii! gxada!
Tsii! gxada!

S. E. Kr. Mqhayi.

3

UJINGI WAM

Ndinyuka
Ndisihla,
Umnand' ujingi wam.

Phezulu
Ezantsi,
Umnand' ujingi wam.

Umoya
Umhlaba,
Umnand' ujingi wam.

J. J. R. Jolobe.

4

ITIPOTI

Mna ndiyitipoti,
Lo wona ngumqheba.
Esi sisiciko,
Nalapha ngumlomo.
Ndithulule, ndithulule.
Ndithulule, ndithulule.

Kholeka Thunyiswa.

5

IBHOLA

Ngquu! phants' apha,
Taa! phezulu.
Ngquu! ngamandla,
Taa! kakhulu.
Ngquu! phambili,
Taa! ngasemva.

J. J. R. Jolobe.

6


NDACHOLA

Tyhini bethu! ndachola,
 Ndachola into entle.
 Injani le nto yakho?
 Tswii! tswii! shuu! shuu!
 Ngxee! Lahla iyaluma.

Minazana Dana.

7

INKUKU



Kukuruku . . . ku!!
 Ixela ukusa
 Kukuruku . . ku !!
 Ixela iqanda.
 Kukuruku . . . ku!!
 Ixela ukhetshe.

J. J. R. Jolobe.

Qhashi! qhashi! qhashi!!
 Kuyatsha kwezaa ntaba.
 Tyhini bethu! kutshaphi?
 Yoo! Bonani maBhele,
 Utshe waba lilahle.

Nomathamsanqa Yenzela.

Khlelekenkce!!
 Ibika isidlo,
 Ndityisa umzimba.

Khelekenkce!!
 Ibik' isikolo,
 Ndityisa ingqondo.

Khelekenkce!!
 Ibika icawa,
 Ndityis' intliziyo.

J. J. R. Jolobe.

Kutheni na, Nomha
 Ungonwabanga nje?
 Mama, ndinezinyo.
 Lithini na, mntwan' am?
 Lithi ndo! ndo! ndo! ndo!
 Lithi ndo! ndo! ndo! ndo!

Kholeka Thunyiswa.

11

UTOKI


Wakhonkoth' uToki
Wakhonkoth' uToki,
Ebona umhambi
Edlula ngendlela.

Wagram' uToki
Wagram' uToki,
Ebona injana
Edliwa ngumona.

I. B. Nontombi Jayiya.

12

IMBIZA



Imnyamana
Mithathu imilenze.

Iyapheka
Mithathu imilenze.

Ndiyimbiza
Mithathu imilenze.

Ngumzinjana
Mithathu imilenze.

Yingqondwana
Mithathu imilenze.

Nentliziyo
Mithathu imilenze.

J. J. R. Jolobe.

13 UNGQWANGI NANQILO

Tyelele! tyelele!!
Ngqwangi nanqilo
MntakaPlangana!
Goduka, Ncedo,
Wafa yindlala;
Ncedo ncikane
Yokophisela!!

S. E. Kr. Mqhayi.

14 UKUPHUCA

Ilitye phezulu,
Ndibutha ngamanye,
Bona ndiyaphuca.

Ilitye phezulu
Ndibutha mabini,
Bona ndiyaphuca.

Ilitye phezulu
Ndibutha mathathu,
Bona ndiyaphuca.

Ilitye phezulu
Ndibutha isixa,
Bona ndiyaphuca.

J. J. R. Jolobe.

15

UMTSHAYELO

Sisicuku sengca
Esibudeleka.
Sixabisekile,
Sicokis' ikhaya.

Sisicuku sengca
Siyacekiseka,
Sichulwa ngentonga,
Sigxoth' inkunkuma.


Sisicuku sengca
Esiqhushekwayo,
Sisusw' emehlweni,
Sigcina impilo.

I. B. Nontombi Jayiya.

16

UNOPOPI WAM

Bhabhana, mamase, Tozana,
Khawuze ndibone, Dlezana.
Sikithi ubuhle bombingo,
Khamisa ndibone izingo.



Ncumeza umam' ancamise.
 Injube ukhab' udanise,
 Uthimle ukhule, Dlezana,
 Uncede umama, Tozana.

J. J. R. Jolobe.

17

IZIBALO

Hambani ngababini
 Nibheke ngasendlwini.

Tsibani kube kane
 Nize ningqinelane.

Thathan' ezintandathu
 Nibeke ntathu-ntathu.

Yimani ngasibhozo
Zenenze imikrozo.

Qhawulan' ezilishumi
Kodwa ningazilumi.

I. B. Nontombi Jayiya.

18 ELOKUKHAWULELA IINKOMO

Nanzo ezakowethu,
Zinamhlotshazana,
Unkqenkqeza phambili,
Upheth' amanzi ngophondo;
Uya kuhlamb' izandla zenkosi.

J. J. R. Jolobe.

19 ISITIYA SAM

Ndinasitiya sam
Siluhlaza ceke.
Ndivuka kusasa.
Ndisinkcenccheshele.
Emin' emaqanda
Ndithi nqothu-nqothu,
Ndikh' apha naphaya.
Kumnand' ukuginya
Sakuvuthwa sona.

Nomathamsanqa Yenzela.

20 UKUTHAMBA

Izandl' emagxeni
Izandla phezulu.
Izandl' emagxeni
Izandla phambili.

Izandl' emagxeni
Izandla macala.
Izandl' emagxeni
Izandla ezantsi.
Izandl' esingeni
Ndigob' amadolo.
Ndibuya ndoluke
Izandla ezantsi.

J. J. R. Jolobe.

21

ISITHUNZI

Akuthethi wena.
Ujong' ukundilandela
Usimanga somntu kambe.
Ekuseni unde.
Emini sewumfutshane.
Litshona ube wamde.
Kambe usimanga
Ngokuzithanda iindaba.
Inqaba yona kuthetha.


Nocana Conjwa.

22

UMGIBE

Iintaka ezimbini
Zafika esigwini.
Yathi le, Sidekelwe;
Enye, Yo! Sithiyelwe.
Yemka le isindile,
Yaba le ibhabhile.
Ingozi iza intle,
Ukanti iza inde.

J. J. R. Jolobe.



Myawu! myawu! myawu!
 Utsho yena ureme,
 Ehleli ngaseziko
 Engathi akaboni,
 Kuba ucimezile.

Ngqee! ngqee! ngqee!
 Yabaleka impuku.
 Xhakamfu wayibamba
 Umf' omkhulu wayitya,
 Uthiya ngocimelo.

Nocawa Conjwa.

IZIQHAMO

Ntakana emyezweni
 Le ndawo elizweni
 Ikutsala ngani na?
 Woyincama mhla mni na?

Bubomi iziqhamo,
 Ziyimpilo invamo;
 Zigxotha omitshetsha,
 Nogqira ngokutshetsha.

J. J. R. Jolobe.

ZITHINI NA?

Tswii! tswii! itsh' impuku.
 Myawu! myawu! itsh' ikati.
 Wowu! wowu! itsh' injana.
 Kroo! kroo! itsh' inkuku.
 Gruu! gruu! itsh' ihagu.
 Mhee! mhee! itsh' igusha.
 Mhuu! mhuu! itsh' inkomo.
 Chaa! chaa! litsh' ixesha.
 Nkqee! nkqee! itsh' intsimbi
 Lixesha lesikolo
 Kubo bonk' abantwana.

I. B. Nontombi Jayiya.

UKUKHUTHALA


Abant' abafutshanana,
 Abantu abamnyamana,
 Bathwele imithwادلانا,
 Bacimbe nemicingana.

Obalawulayo bayamva
Balungisel' ikamva.
Gqal' iimbovane ulumke
Ubuvila debutyumke.

J. J. R. Jolobe.

27

UYEYE



Ngubani lo? NguYeye.
Uhamba nabani? Noyise.
Umphathele ntoni? Amasi.
Ngendeb' enjani? Ngebomvu.
Wayibekaphi? Esibaya.
Kwesingakanani? Kwesikhulu.
Hii! mayisele. Zidenge zodwa!
Hii! mayisele. Zidenge zodwa!

S. E. Kr. Mqhayi.

28 UKUTYA OKONDLAYO

Hayi ubumnandi bemifuno!
Izidlula zonke izivuno.
Ikhawuleza iye egazini,
Isinika intlahla ngemini.
Ibisakufunwa kwimimango.
Nambhla iyalinywa ngasemnyango.
Masibabulele ozenzele,
Izitiya sizinkcencseshele.

J. J. R. Jolobe.


29 UMYALELO

Hlamba intloko kakuhle,
Chaz' iinwele ucokise.
Hlamb' ubuso yonk' imihla;
Amazinyo wenze mhlophe.
Hlamb' izandla lonk' ixesha,
Lol' inkwali ibe bomvu.
Hamba njalo ngaloo mgaqo,
Wonke umntu wokubuka.

I. B. Nontombi Jayiya.

30 IGAMA

NdinguTutu isiteketiso,
UNomathemba elomntu wonke,
Kuba ndilithemba lakowethu.



Limbi kuthiwa ndinguNomvuyo
Kuba ndiyonwabisa ekhaya.
Ngawo lawo ke amagama am.

Nocawa Conjwa.

31 INKUNZI YAM YOMDONGWE

Yindudlula njengoduladula.
Woyibona ngokugqubagquba,
Itsho kusiphuke izicithi,
Nemihlambi ibe ngamachithi.
Iyihlaba elwa nay' igxwale,
Atsho umniniyo axhwale.
Engaqukulwanga iyajokwa,
Ngenxa yoloyiso iyabongwa.

J. J. R. Jolobe.

32

UMATSHINI

Xhakaka xhaka! xhakaka xhaka,
 Utsh' umatshini kamam' ekhaya,
 Edibanisa imichakwana
 Esithungela iilokhwe zethu.
 Khekhencelele! khekhencelele!
 Litsho ivili lijikeleza
 Edibanisa imichakwana,
 Esithungela iilokhwe zethu.

I. B. Nontombi Jayiya.

33

ELOKUZINGELA IIMPUKU

Hee! Luweyo, Hee! Luweyo,
 Zaweyo weyo!
 Ziphi na iinjova?
 Ziphi na iinjova?
 Neenjovakazana?
 Zaweyo weyo!
 Zinemizila,
 Zaweyo weyo!
 Woo! Woo! Zaweyo!
 Woo! Woo! Zaweyo!!


J. J. R. Jolobe.

34

IMVULA

Themba, iyana imvula,
 Phumani sidlale,
 Sikhulule iingubo,
 Sitsibe sitsho sithi,
 Ndiyakoma nini na?
 Ngoms' omnye.
 Ndiyakoma nini na?
 Ngoms' omnye.

Nocawa Conjwa.



Chebelele,
 Ngcilengcile.
 Chilichili,
 Tshebelele.
 Chebelele,
 Ngcilengcile,
 Ngxa ngxa.
 Chilichili,
 Tshebelele.
 Chebelele,
 Ngcilengcile.
 Ngxa ngxa
 Ngcilengcile.
 Chilichili,
 Tshebelele.

J. J. R. Jolobe.

IIMBOVANE

Yiya ezimbovaneni
 Wena vilandini.
 Qwalasel' imikhwa yazo
 Uzuz' ubulumko.
 Zona zingenankokeli
 Ziyazilahlela.
 Zibuth' ukuty' ehlotyeni
 Zikuse kovimba.
 Kkwakufika ubusika,
 Zitya ngokonwaba.

Nocawa Conjwa.

UKUKHUMKA

Ma, izinyo lam liyashukuma,
 Lisuke lalide kunamanye.
 Sewuza kukhumka mntwanana wam,
 Liyeke lide liziphumele,
 Uze uliphose phezu kwendlu,
 Uthi, Ntloyiya ndiphe elitsha.

Nocawa Conjwa.

UBUTHONGO

Ndibulela ubuthongo
 Bundizela nokuphumla,
 Namaphupha aluyolo
 Elizwana lonontsomi.
 Ndibulela ubuthongo
 Bundizela nokukhula,
 Namaphupha obudala
 Elizwana lenyaniso.


J. J. R. Jolobe.

IHHOLIDE

Iiholide! Iiholide!
 Zifikile kamsinyane
 Sophumla ezifundweni,
 Sizihlaziye iingqondo.
 Salani ke botithshala,
 Siyanibulisa nonke.
 Kumnandi esikolweni,
 Nokusifundisa kwenu.
 Kodwa hayi iiholide!
 Ziyancamis' ubumnandi.

Nocawa Conjwa.


40 UKUKHANYA KWELANGA



Ndibulela ilanga,
 Linceda izityalo
 Zikhule zibe zide,
 Nabantwana abancinci.

Ndibulela ilanga,
Linceda imibethe
Imenyemenyezele,
Livuyiswe iliso.

J. J. R. Jolobe.



INDYEBO YESIHOBE

EYEBANGA LOKUQALA NELESIBINI

U-1 NO-2

INDYEBO YESHOBE

EYEBANGA TOKKALAHILSINI

U. I. NO. 2

INTSHAYELELO

Ukucengceleza kubalulekile ekuqeqesheni umntwana kwintetho yakowabo. Injongo kukuhlakulela nokukhulisa ukuluthanda komntwana uzingiso lwesithonga oluphawulekayo kwizicengcelezo kwanokuthanda amagama asetyenziswe ngendlela engaqhelekanga enomtsalane. Ngenxa yoko kuyafuneka ukuba abantwana baye bedlula kwizicengcelezwana zosapho olulula kakhulu bade baye kufikelela ekusithandeni isihobe ngokubanzi. Makuthi kukhuthazwa ukuzifaka entloko izicengcelezo, ibe ikhuthazwa nento yokuthanda ukuzifunda okanye ukuziva zifundwa.

Xa baya benyukela kumabanga okufunda abantwana, enye yeendlela zokufundisa umhobe kukuqala ngokuwufundisa nje- ngesincoko somlomo, ofundisayo abuze imibuzo ngomhobe lowo abantwana baphendule. Loo nto yenza ukuba babe nenakani ngomhobe lowo ngokubanzi kwasentloko. Emva koko mawungene- lwe umhobe ngokungathi sisifundo sokuleswa. Injongo kukufundisa ukubizwa kwamagama ngokuchanekileyo kwanokwenza inkcazelo ngamagama anzima nangeengcinga ezibunqaba ezingaba zikho kuwo.

Emva kwala malungiselelo ungaqhutywa ufundiswe ngokomhobe ngoku. Ukuba ubhalwe ebhodini ofundisayo wokhokela afunde ebonisa indlela yokucengcelezwa kwawo. Emva koko kongena abantwana bawufunde bemana ukuphindaphinda. Kungalandela emva koku ukucinywa kwegama phaya kucinywe nelinye phaya ukukhangela ukuba abantwana basalikhumbula na igama ebelikuloo ndawo icinyiweyo. Maxa wambi bangenziwa bayifulathele nebhodi leyo. Kodwa makuthi apho bakhohlwe khona bayekwe babuye bajonge kuyo bade baqiniseke. Ezi ke nezinye, ziindledlana angathi ofundisayo azisebenzise ukungenisa umhobe entloko.

Ndibulela bonke abathe bavuma ukuba imihobe yabo ifakwe kule ngqokelela yeNdyebo yeSihobe. Amagama abo nango

emazantsi kwimihobe leyo yabo. Ndibulela ngakumbi neZishicilelo ezithe zanikela imvume yokuba ndicaphule imihobe kwiincwadi ezishicilelwe zizo, iSishicilelo seS.P.C.K. ngokuvuma ukuba ndisebenzise imihobe kaMnumzana uS.E.Kr.Mqhayi ekwincwadana egama lithi *Xhosa Poetry for Schools, Imihobe nemibongo* neSishicilelo saseDikeni ngokuvuma ukuba ndisebenzise imihobe yam ekwincwadana egama withi *IziCengcelezo zaseDikeni, Lovedale Xhosa Rhymes*, kwangokunjalo neseYunivesiti yaseWitwatersrand ngokuvuma ukuba ndisebenzise ezinye ezikwincwadi egama lithi *Umyezo*. Ndibulela nabakwaSolilo ngemvume yokuba ndisebenzise ezoMnumzana uMfundisi uJ. Solilo ezikwincwadi egama lithi *Izala*. Ndibulela noNkosazana uMinazana Dana umbhali wencwadi egama lithi *KuFundwa ngaMava* kwanoMnumzana uG. Soya Mama umbhali wezi ncwadi *AmaQunube* nale *INdyebo kaXhosa* kwanoMnumzana uH. M. Ndawo umbhali wencwadi egama lithi *UMshweshwe* negama lithi *UNolishwa* nezinye.


J. J. R. J.

1. UTHEKWANE

Ndinguthekwane.
Ndimhle ngapha,
Ndimbi ngapha.
Andifani nawe,
Andifani naye,
Ndifana ndedwa.
Ndimhle ngapha,
Ndimbi ngapha,
Ndinguthekwane.

G. Soya Mama.

2. IMVULA EZOLILEYO



Mvula, vuyo lwabantwana,
Thenjana labalimi,
Nqaphela ndikhule,
Nqaphela ndikhule.

Iza ingenamibane
Ingenazindudumo.
Nqaphela ndikhule,
Nqaphela ndikhule.

Siqhwaba izandla zethu
Sikhab' amanz' emvula.
Nqaphela ndikhule,
Nqaphela ndikhule.

R. M. Tshaka.

3. INTWAN' ENCINANE

Yintwana encinane,
Yintwana engekhooyo,
Ebamba izidenge,
Zingavum' ukufunda,
Zixovule udaka,
Zihambe zikrokra,
Zikhalazel' abanye.
Fundani bantwanana,
Nishenxe kuloo ngozi.
Niya kuvuna ngomso,
Ngokunyameka kwenu.

Minazana Dana.

4. INKANYEZI

Menye! menye!
Cimi! cimi!
Yini na le?
Yini na le?
Yinkwenkwezi,
Yinkwenkwezi.
Uyaphosisa,
Uyaphosisa.

Menye! menye!
Cimi! cimi!
Yini na le?
Yini na le?
Yinkanyezi,
Yinkanyezi.
Unyanisile,
Unyanisile.

G. Soya Mama.

5. UMANYANO NGAMANDLA

NguCikicane lo,
Umagqibelwana lo.
Angema yedwa na lo,
Ebuthathakana nje?

NguNgompe lo,
Oziwa ngumntwana lo.
Naxa amkhudlwana lo,
Akangemi yedwa nje.

NguNgompemathe lo,
Ugxibh' ekhay' apha lo
Naxa alufafa lo
Ubuthathakana nje.

NguBhela lo,
Ongumalathisa lo.
Ukhomba kuphela lo
Xa angumntu yedwa nje.

NguMntomkhulu lo,
Akangebi ncedo lo,
Bengekho abanye lo,
Bamncedise nabo nje.

Kuba bamanyene qho
Aba bobahlanu qho
Ndenz' iinto zamandla qho
Ngezi zandlana zam nje.

J. J. R. Jolobe.

6. ESIKOLWENI

Kumnand' esikolweni,
Sifunda okuninzi,
Ukulwa nobudenge,
Nokuhlala nabanye.

Sifunda ukukhonza,
Nokubek' abazali,
Kolulw' imihla yethu
Siwudl' ilif' umhlaba.

Ukub' asifundanga,
Sohlala sikhhalaza,
Singabi nakonwaba,
Sizale kukusola.

J. Solilo.

7. ISIMEMO


Zintakana, zintakana,
Zintakana zasekhaya,
Yizani, yizani,
Yizani size kucula.

Mivundlana, mivundlana,
Mivundlana yasekhaya,
Yizani, yizani,
Yizani size kubutha.

Bantwanana, bantwanana,
Bantwanana basekhaya,
Yizani, yizani,
Yizani size kudlala.

G. Soya Mama.

8. INTWASAHLOBO



Mavila vukani
Lithwasil' ihlobo,
Kuvuma zintaka,
Ziyaphaphazela.
Kudloba mathole
Ahluthi luhlaza.
Konwaba zintsapho
Zidlala undize,
Lifikil' ihlobo.

Kunzima kwivila
Kufik' umsebenzi.
Vila voco vuka,
Kuvuthiw' ukutya.

Nomathamsanqa Yenzela.

9. INTSIMBI YESIKOLO

Nantso seyibetha,
Ibiz' abafundi.
Masolul' imitsi,
Zesiv' intsikelelo.

Ibiz' ophambili,
Ibiz' ongasemva.
Sima eluhlwini,
Samkele izabelo.

Ngokusaneleyo
Zikho izifundo,
Lukwakho nobisi,
Nesonka ulumele.

R. M. Tshaka.

10. UKUWELA ISITRATO

Xa ndiwela umgaqo,
Nokuba kungebhaqo,
Umam' angabi naxhala,
Kungabikho natyala,
Ndijonge ekunene,
Nasekhohlo kanene.
Hay' akukho izayo,
Kwiint' ezibalekayo,
Ndikhawuleza ndiwele
Kungekho namanwele.

Xa kukho ezayo,
Ndilind' idlule nayo.
Lo ngumthetho wendlela,
Ohamba nowemvela.

J. J. R. Jolobe.

11. UQONGQOTHWANE

Mombelelen' uqongqothwane,
Mombelelen' uqongqothwane;
Gqira lendlela nguqongqothwane,
Gqira lendlela nguqongqothwane.

Nqo, nqo, nqo nqo!

Nqo, nqo, nqo, nqo!

Nguqongqothwane! Nguqongqothwane!

S. E. Kr. Mqhayi.

12. UCUMBALELE

Cumba, cumbalele,
Ngcosa, ngcosalele,
Duma, dumalele,
Tshuu, tshuu, tshuu!
Ndiyeke, uyekelele,
Unditswikile kakhulu,
Undimfikile kakhulu.
Ndiyeke, uyekelele.

Cumba, cumbalele,
Ngcosa, ngcosalele,
Duma, dumalele.
Tshuu, tshuu, tshuu!
Siyeke, siyekelele,
Sitswikilene kakhulu,
Simfikilene kakhulu,
Siyeke, siyekelele.

G. Soya Mama.

13. GCIN' IINDLEBE ZAKHO

Zininzi izinto apha elizweni,
Emazingaviwa zezi ndlebe zakho,
Zizisa ukufa kwiingqondwana zethu,
Zezingahlonelwa neziqwana zethu.

Zininzi izinto apha elizweni,
Zokuviwa sithi iphile ingqondo.
Kwalaph' emhlabeni singcamle izulu,
Side sihlonelwe zikhulu zabantu.

Ungaman' uphika usakuxelelwa,
Ungaman' udela usakufundiswa,
Ikho inyaniso nokuba kunjalo,
Ekuyamkeleni kukh' impumelelo.

J. Solilo.

14. ITYALA LAMAWELE

Ndaza ndalubon' uzwathi lwetyala!
Ndaza ndalubon' uzwathi lwetyala!
Kwasa saxhinxax, kwasa safak' ithwathwa,
Zingaphi n' iinkunzi zalo mzi kaPhalo?
Fuda sisithi nguHintsax, akukho yimbi.
Akukho nto iya kuvel' eNqabara.

S. E. Kr. Mqhayi.

15. UKULUNGA KOMZEKELO


Lo mhobe usekelwe phezu kwentsomi kaAesop.

Unonkala omkhulu
Enomsindo ngenene,
Ungxolise umntwana,
"Yeka ukukekela,
Khawuhambe kakuhle
Ujonge phambili ngqo."

Unonkalana uthe,
"Kulungile ke, mama,
Ndifuna ukufunda.
Khawenze ndibonele
Indlela yokuyeka
Ukukekela oku."
Waxhathalaza kambe
Unonkala omkhulu
Phofu nkqi ukuthi gcaa.
Ukwenza kulungile
Ngaphezu kokuthetha.

J. J. R. Jolobe.

16. UKUSILA



Gruu! gruu! gruu!
Yimbokothwa yokusila.
Gruu! gruu! gruu!

Yimbokothwa yokusila.
Utsh' umama egub' umqa,
Utsh' umama egub' umqa
Nanko ngoku selebonda.
Nanko ngoku selebonda.
Bona undinik' iphini,
Bona undinik' iphini.
Sisi, phaka umqa sidle.
Sisi, phaka umqa sidle.
Zesihluthe sibe bahle,
Zesihluthe sibe bahle.

Nomathamsanqa Yenzela.

17. IPHUPHA

Yhoo! mama ndiphuphe kamnandi
Phezolo ndilel' ubuthongo.
Itafile izele kukutya,
Saphanga sarola inqaba,
Singamakhwenkwan' amaninzi.
Suka kwafik' uthikoloshe,
Wabetha macala ngoswazi.
Wasenza iintsali ngomzuzu,
Saphuma ngeentunja endlwini
Izimuncumuncu wazitya.

Nyameka Fetsha.

18. UKUTHUTHUZELA USANA

Ndaya, ndaya, ndaya, nday' entabeni!
Ndahlangana namaula namaza,
Ephethe iziqana ngomlonyana.
Ndathi ndisikeleni ndenz' umlomo.
Athi luyahlanya olu godwazana.

Ndath' izilo zibona ndingenandoda.
Indoda yam imkile noMnyingatha
UMnyingatha uyibeth' edolweni,
Wakhonkothwa ziinja zaseSwazini.

H. M. Ndawo.

19. ISILEYITI SAM

Yinzwana esam isileyiti,
Sihlanjwa kanye okwepleyiti.
Ndibhal' amagama acace,
Angenakufuman' aface.
Ipensil' iyabambelela,
Akukho kuy' ukutshelela.
Sisulwa ngelaph' elimanzi
Kungengalulwimi lubanzi.
Asinazintsila zamathe
Ndikhothe uluchwe ndimathe.
Ndithand' ucoceko ndifunda,
Ndiphile kwangalo ngelunda.
Yinzwana esam isileyiti,
Sihlanjwa kanye okwepleyiti.

J. J. R. Jolobe.

20. UNOMYAYI

Unomyayi yintaka
YamaGqunukhwebe.
Jong' ubulumko bakhe.
Udla echolachola.
Uphepha imigibe
Anxwem' amarintyela.
Sibuz' ikhaya lakhe.
Ngamahlathi kaHoho.

Hayi ubuhle bakhe!
Hayi imasi lakhe!
Sibuz' inqaba yakhe.
IkwiNtaba kaNdoda.

R. M. Tshaka.

21. IXHEGO NABANTWANA

Ndiyemka ngomso,
Ndiya kwelikude.
Hamb' uhambe
Kudala usitsho.

Ndiyemka ngomso,
Ndiya eBhakubha.
Hamb' uhambe.
Yintsomi yezolo.

Linkile ngomso,
Lay' ekuphumleni.
Balusizi
Umkil' umhlelisi.

G. Soya Mama.

22. UMHLEKAZ' UPOTO

Nkunzi yaseNyandeni nguBhekizulu,
UmntakaBhokleni inamb' ezulu.
Sinagogo mathumb' ayalengalenga,
Nemisebenz' ibalele njengelanga.


Lithole lemazi kaNgangelizwe,
Kungok' aziginyiley' eziny' izizwe
Ngokuzathuza, ubulumko, nothando,
Ngokukholosa ngekaQamat' intando.

Nkos' ethe ukuzeka yaba mfazi mnye
Ukuze ilizwi layo libe linye.
Aniboni na iyimbangambanga nje?
Hayi, mandisithele kusekuhle nje.

St. J. P. Yako.

23. IMPUKWANA

Iphango! ndilambile.
Ikat' ikhamisile.
Ukutya kuyabiza,
Ivumba liyadiza.



Ndikroba ilindile,
Nayo ibethekile.
Akukh' undivelayo,
Ndingonakalisayo
Yakundity' iyanconywa,
Akwaba ibixhonywa.

Ndinga ngendafundiswa
Ngabazali ndaziswa
Indlela yokuphila,
Ngaphandle kobuvila
Ndibe njengabantwana
Abazuz' imfundwana
Yokuba luncedwana
Babe nokunconywa,
Nesonka semfanelo
Kungekho bandezelo.

J. J. R. Jolobe.

24. UKUDLALA

Khawuze wethu sidlale.
Ndidiniwe ndiyasindwa
Kubeleka olu sana.
Ewe, ntanga lulalise
Lolila lube luthule.
Yiza nentanjana leyo,
Zesitsibatsibe sithi,
Ndachol' itik' eQonce
Ndathenga ngay' eQwence.
Ndachol' itik' eQonce
Ndathenga ngay' eQwence.
Ndachol' itik' eQonce
Ndathenga ngay' eQwence.

Nomathamsanqa Yenzela.

25. UMAKHULU

Umakhulu mdala,
Kad' esidl' amazimba.
Amehl' anoratyazo,
Umlenz' unemikhinqi.

Nok' athetha futhi,
Iindlebe azithathi.
Kuye wophindaphinda,
Khon' ukuze nivane.

Kuye phakamisa,
Nincokole kakuhle.
Lumk' ungamxakanisi,
Watsha luzipho lwakhe!

R. M. Tshaka.

26. AMAJINGIQHIWU

Izinto zalo mhlaba
Zingamajingiqhiwu,
Zixel' intamb' iqhawuka.
Zithi jingi, zithi qhiwu!
Zithi jingi, zithi qhiwu!

Izinto zalo mhlaba
Zingamajingiqhiwu,
Zixel' umnomb' uqhawuka.
Zithi jingi, zithi qhiwu!
Zithi jingi, zithi qhiwu!

G. Soya Mama.

27. UMBULELO

Ndibulela amehlo,
Ndibone iinkwenkwezi,
Abantu nezityalo,
Iintaka nezilwana.

Ndibulela iindlebe,
Ndive xa kuthethwayo,
Nezandi ezimnandi,
Iingoma zeentakana.

Ndibulela izandla,
Ndibumbe ngemidongwe,
Ndizityise ndinxibe,
Ndenze nemisetyenzana.

Ndibulela iinyawo,
Ndikwazi ukuhamba,
Ndibaleke nditsibe,
Ndincede ndakuthunywa.



Ndibulela umlomo,
Ndibungcamle ubusi,
Konke okumnandana,
Endikuhlafunayo.

Ndibulela impumlo,
Ndiyoje ubuqholo,
Beentyatyambo ezintle,
Namavumba amnandi.

J. J. R. Jolobe.

28. IIHOLIDE

Iintsuku zihambile
Ixesha lisondele
Ukuba masiphumle,
Sibeke phants' iincwadi.

Ixesha lifikile
Ukuba masonwabe,
Siziphumze iingqondo
Zize kuhlaziyeka.

Akukh' ungavuyiyo,
Akukh' unyabileyo,
Sonke sichwayithile
Kuvalwa izikolo.

Kanti noko kunjalo,
Asizilahli mpela
Ezi ncwadana zethu.
Siman' ukuzihlola.

Simnandi isikolo
Naso ngexesha laso.
Sithanda notitshala
Ngokusivul' ingqondo.

I. B. Nontombi Jayiya.

29. CINGELA NABANYE

Khawuphez' ukuthetha, Ntombana,
Nakwabanye kumnand' ukuthetha.
Ayikho inkunzan' emlonyeni,
Ulwimi lubetha kamnandana.

Khawupheze kutheth' uMakhwenkwe,
Inkalakahla ikh' ihlokome.
Akakho ameva emlonyeni,
Ulwimi lubetha kamnandana.

Wakuthetha ucingele nomnye,
Uyathanda naye ukuviwa.
Uthetha, fundisa wonwabise,
Ulumkel' ingozi yokuthetha.

Ngozi yokuthetha kungaviwa,
Ungaqondwa ngab' uthetha nabo,
Ingachanwa int' oyithethayo.
Yingoz' ukuthand' ukulandelwa.

J. Solilo.

30. INQILO

Zwi-i! Zwi-i!

Thetha!
Thetha, ntak' amadladla
Ukutsho ndilaph' uthini na?
Uthini na ntak' amadladla
KaGocici noMvundlela?
Watsho ndilapha na?
Watsho ndiseluhambeni!
Thetha!
Uth' injani na le ndlela?
Njwi-i-i! Njwi-i-i!
Wiyo! Wiyo! Wiyo!
Njwi! Njwi! Njwi!
Njwi! Njwi!

S. E. Kr. Mqhayi.

31. ULOLIWE

Xhegwazana phek' ipapa,
Xhegwazana phek' ipapa,
Ndithath'apha ndibek'apha,
Ndithath'apha ndibek' apha.

Kuhle apha ngamathafa,
 Kuhle apha ngamathafa.
 Xhegwazana phek' ipapa,
 Xhegwazana phek' ipapa,
 Ndithath'apha ndibek'apha,
 Ndithath'apha ndibek'apha.
 Xha——ka——xha——ka,
 Ndul' inzima ngol' intaba,
 Ndul' inzima ngol' intaba.
 Xhegwazana phek' ipapa,
 Xhegwazana phek' ipapa,
 Ndithath'apha ndibek'apha,
 Ndithath'apha ndibek'apha.
 Qengqelek' indaw' iyehla,
 Qengqelek' indaw' iyehla.
 Xhegwazana phek' ipapa,
 Xhegwazana phek' ipapa,
 Ndithath'apha ndibek'apha,
 Ndithath'apha ndibek'apha.
 Hamba kuhle sikwidolo,
 Hamba kuhle sikwidolo.
 Xhegwazana phek' ipapa,
 Xhegwazana phek' ipapa,
 Ndithath'apha ndibek'apha.
 Ndithath'apha ndibek'apha.
 U —————
 Nas' istishi. sendiphumla,
 Nas' istishi sendiphumla.
 U —————
 Nas' istishi sendiphumla,
 Nas' istishi sendiphumla.
 Xhegwazana phek' ipapa,
 Xhegwazana phek' ipapa,
 Ndithath'apha ndibek'apha,

Ndithath'apha ndibek'apha.
Ho — ha — ho — ha —
Gxidi ndema bek' iphika,
Gxidi ndema bek' iphika.
Xhegwazana phek' ipapa,
Xhegwazana phek' ipapa,
Ndithath'apha ndibek'apha,
Ndithath'apha ndibek'apha.

J. J. R. Jolobe.

32. IHASHE LIKABAWO

Kuthi mandindandazele,
Kodwa ndiswel' amaphiko.
Kambe kuthi mandibonge,
Kodwa hayi ubuyilo!
Hala hoyi uManisi,
Mfaz' odume ngokuvimba
Ade alale ngomhlana.
Bhengu, ngubo zabeLungu
Usiximba kaxolothi,
Ubhaxana lwempontshane,
Amathumbu ale hagu,
Angaba ngawakh' onke na?
Bamb' iintamb' ezo kwedini,
Indaw' ingath' iyehlela.

Nomathamsanqa Yenzela.

33. UTHUNZANA

Mama, kukhe kwafika
Nkwenkwana aph' ekhaya,
Yee ngqo kwela selwana,
Yathatha laa ndetyana,
Ndabukela kakuhle,

Yathulula, bhoo, bhoo, bhoo!
Yasela, raburabu,
Yee ginyi qongqololo.
Ewe, mntwan' omncinane,
Injalo loo nkwenkwana,
Iggqiba imivubo,
Neenyama ziseziko,
Ikreza ozinkomo,
Ikreze ozibhokhwe.
NguThunzana igama.
Lumka ungabi njalo.

Minazana Dana.

34. UMHLEKAZ' UTSHAKA


USishaya-asishayeki!
UNodum'ehleli kaMenzi!
UDlungwana woMbelembele,
Odlung' emanxulumeni,
Kwada kwas' amanxulum' ebikelana,
Uzulu lizayo khwezan' abantwana.
Ngabadal' abaya kuzibalekela.
Sixhokolo ngathi ngamaty' aseNkandla,
Aphephel' iindlovu lize liphendule.

H. M. Ndawo.

35. INJA YAKOWETHU

Hayi! Inja yakowethu!
Hayi! Le nja uNgqoqo!
Andiyithandi ngako.
Nay' indithanda cwaka.
Ndisiza ihlangabeze,
Mehl' ayo afun' awam,
Umsil' ubungezela.
Ndiyiphulul' intloko.

Nditya ndiyikhumbulela
Ukuba ndinomhlobo,
Ngoko ndiyishiyele,
Lenjana yam uNgqoqo.
Xa ndisiya kuzingela,
Sihambisana kunye.
Iintaka izalama
Zingama izileqe.



Inkwenkw' ebetha le nja yam
Ingab' ibetha mna lo.
Umhlobo andinaye
Ofana nay' uNgqoqo.
Seyikhe yandihlebela
Le njana yam uNgqoqo,
Iintshaba zam zezayo,
Yof' apho ndifa khona.

Hayi! ubuhlobo bethu!
Hayi! uthando lwethu!
Nokuzincama kwethu,
Nenjana yam uNgqoqo!

J. J. R. Jolobe.

36. ILAPHI LEZITYA

Kwafika komnye umzi
Ngoratya lwemivundla
Umhamb' ebethekile.
Waphakelwa ukutya,
Akajonga wabiza
Imela nefolokhwe.
Wahlab' akwahlabeka.
Wasik' akwasikeka.
Tyhuu! Yinyamani na le?
Yimbumbana yelaphi
Lokusula izitya.

Nyameka Fetsha.

37. UMLAMBO

Manz' amahle anamendu,
Nisinga ngaphi na kodwa?
Nivela ngaphi na khona,
Nixheshwa yini na kade?

Manz' amahle anamendu,
Nijikelezelani na?
Niya kufika nini na
Apho nifunzele khona?

Manz' amahle anamendu,
Hay' ithamsanq' eninalo!
Nithandwa zizilwanyana,
Nityelelwa nangabantu.

Manz' amahle anamendu,
Hay' intsikelelo yenu!
Nango namahobohobo
Esakhela ngentla kwenu.

I. B. Nontombi Jayiya.

38. UKUNDULUKA KUKAKHULILE

Hamba, nto kaMajeke, uz' ubuye kakuhle,
Kuphuthunyw' uyihlo ngezol' akwabakho gxeke,
Wena ungunyana wakhe uz' ungabi nahlazo.
Lihl' igequ lakho aliwagxekang' awakomkhulu.
Ndithi hamba, nto kaMajeke, siyakuvumela,
Swazi olumaqhina lwakuloThokazi.
Hamba ungene kuloo mzi ngowakowenu;
Iintanga zakho kudala zakushiyayo,
Kuko sewulugag' oluman' ukuqongqothwa
Kuko sesiyibuza kuw' imvelaphi yohlanga
Sithi hamba neshologu elo lakowenu.
Hamba noQamata lowo waseluhlangeni.

S. E. Kr. Mqhayi.

39. UKUBAWA

Lo mhobe usekelwe phezu kwentsomi kaAesop

Inja esisirovu yayiphethe inyama
Iwela kumchankcatho emlanjeni onzulu.
Yajonga emanzini yazibona ezantsi,
Yacinga yinja yimbi ephethe kwa inyama.

Yagqiba kwelokuba iyihlasele loo nja,
Iyithluthe inyama yongeze kule yayo.
Kaloku kwelezinja kuliwa ngemilomo.
Yatsibeleka dyumpu esizibeni apho.

Yathi ngokugragrama yee qithi yon' inyama.
 Yaphuma ilitixi iphulukwe kokwayo
 Ngendaba yokubawa izigasa ngamandla.
 Ungalah! imbo yakho ngenxa kaphoyiyana.

J. J. R. Jolobe.

40. UVIVINGANE

| | |
|--------------|-------------------|
| Lun' olu? | Luvivingane. |
| Luvaphi? | Luva kwaNdwendwa. |
| Ndwendwani? | Ndwendwa khweza. |
| Khwezani? | Khwez' impandulo. |
| Mpanduloni? | Mpandulo vece. |
| Veceni? | Vece mkhupha. |
| Mkhupha mni? | Mkhupha ncungu. |
| Ncunguni? | Ncungu doyi. |
| Doyini? | Doyi vatala. |
| Vatalini? | Vatala nongwe. |
| Nongweni? | Nongwe gele. |
| Geleni? | Gele nkuku. |
| Nkukuni? | Nkuku qanda. |
| Qandani? | Qanda qokolo. |
| Qokoloni? | Qokolo ehleli. |

S. E. Kr. Mqhayi.


41. UGQATSO LWAMAHASHE

Vii-i-tyo-o-o!!
 Yavel' inkabi kabawo,
 Yavel' inkabi kabawo,
 Yavel' ifosi yakuthi,
 Yavel' ifosi yakuthi!
 Yiz' apha fosindini,
 Yiz' apha fosindini!
 Yaphumel' edolweni,

Yaphumel'edolweni.
Galel' apha nkosi yam,
Galel' apha nkosi yam.
Ndiyashiywa lixesha,
Ndiyashiywa lixesha,
Yoyisile le fosi!
Yoyisile le fosi!!

Nocawa Conjwa.

42. IMVISISWANO



Sibon' iinto ezintle kweli lasemhlabeni,
Ukuvana kwabantu bephethe umsebenzi,
Abaphathi zikolo, iititshal' abantwana;
Kunjalo nabazali bevana notitshala.

Akuhlobana umntu ofundayo nencwadi,
Abaze badelane basuka badalane,
Banikane amandla yomelele ingqondo,
Kungekho nkohliswano ngokuba bethandana.
Kuphakama ithemba sakubona uxolo,
Bonke bebambisene kukho imvisiswano.
Sihlala silindele okuninzi okuhle,
Sikhumbule ixesha ukuvana nendalo.

J. Solilo.

43. IKATI YAKOWETHU

Ikati yakuthi ngumhlobo nezingwe.
Iramncw' ingonyama, elimgqumo mkhulu,
Kumkani wezilo, ngumhlobo kwakuyo.
Ukanti nakuthi le kati ngumhlobo.
Khawukhangele nantso iphum' izingela.
Ayenzi yeyeye lamgqumo nangxolo.
Khawujonge nje kodwa la mehlo atsolo,
Nantso ilindile ijonge ixhoba.
Kulawula nto inye phakath' engqondweni
Izam' ukubamba izuze yanele.
Khangela! Yatsiba, xhamafu kwaphela!
Yamkele yanele. Ubomi ngumzamo.

J. J. R. Jolobe.

44. IGORA

Ndisiza kuyankwentywa,
Andibizwa namngeni.
Ndivela kuyabunwa
Kodwa andiqali mntu.

Ndifika kukhahlelwe,
Ndakuthetha kuthi sa,
Ndibe ndingundilele
Ngokuba ndisamele.
Ndihlala ndiyinganga
Ndibetha isifuba,
Kuphetshwe izicithi,
Ngomnwana wentsongelo.

R. M. Tshaka.

45. UZOLILE

Wenzeleni, Zolile,
Ukuliphalazela
Ilaphi letafile?
Bendingazi mna, mama,
Ukuba yimposiso.
Ukumkan' uDavide
Wayeliphalazele.
Kutsho bani, Zolile?
Utitshal' ubesithi,
Wathi indebe yakhe
Ngenen' iyaphuphuma.
Ndiba yaphuphumela
Kwilaphi letafile.
Suka kwasa kunina,
Wamlungisa unyana
Kutyeko lwempazamo.

Nyameka Fetsha.


46. UBABINI KAVUYISILE

UNgxang' engxangxasini
Umabetha ngephunga.
UHoyini, bafazi bentsikizi
Intsholo niyiphosile.

Niyithabathe ngokwesidoda
Ingom' ehlatyelwa ngesifazi.
Imizi yalo mlambo niyayibona na
Ukutyityimba yombelelwa yingxangxasi?
UHobe ngaphambili
UMpunzi ngasemva,
Ntambo nethunga kwek' asemaNzothweni.

S. E. Kr. Mqhayi.

47. ISELE NEBUZI



Isele, "Kroo! Simelene,
Wondimema siqhelene."
Ibuzi, "Yoo! Sahlukene,
Ngokwentlalo sixakene."
Isele, "Kroo! Deka ndize
Undiranela ngelize."

Isele, "Kroo." Tsii! tsii! gxada,
Lawolela lathi bhada.
Ngomso ibuzi lathi dyumpu,
Esiswini amanzi mpuu! mpuu!
Lityelele kwaSelana,
Ngomgaqo wokucelana.
"Kraka! Sele, ndihlangule
Kule ngxaki undinyule."
Isele, "Kroo! Ndidanile,
Isidlo sesilungile,
Kodwa hamba ke ngoxolo
Ndokubeleka emqolo."
Wohlobana nomaziyo
Usinde kongakwaziyo.

J. J. R. Jolobe.

48 UMALUSI NEEGUSHA

Phawula mfondini,
Nombola kwedini,
Zibonwa ngophawu,
Ziqondwe ngenombolo.

Phawula mfondini,
Nombola kwedini,
Zinquml' imisila,
Zichebe nemizimba.

Nazo entilini,
Ziza ngasekhaya.
Zidla kwaluhlaza,
Zisela ngamaxsha.

Nantso erabaxa,
Nantso nengqukuva.
Ubaw' esangweni,
Uthi zisaphelele.

R. M. Tshaka.

49. IMPUKANE

Yintwan' encinane,
Intwan' engevayo
Engenasimilo,
Engoyiki bani.

Lixhala lehomba,
Ezothe likhulu.
Ihamba ingena
Kwizindlu ngezindlu.

Linda ukumenywa
Uxelis' abanye.
Wofika ugqobha,
Ulekuzwa futhi.

Akunazintloni?
Uvelaphi wena,
Utya nabakhulu
Utye nabancinci?

Nanko umdlezana
Ephekuza futhi,
Uxhaliswa nguwe,
Yini na kangaka?

Velisa into entsha,
Qweba isimilo.
Khawenze baqhweba,
Bangenwe kudana.

I. B. Nontombi Jayiya.


50. IMBEKO


Kuhlonela uluntu luphela,
Kuzithoba komkhulu ngemvela.
Kuzindila emehlwen' abantu,

Ungahleki nto ingaziwa mntu.
Kubulisa ngembek' omaziyo
Ungabakhwazi ongabaziyo.
Kuvelana nabalimeleyo
Nokunceda oxakekileyo.
Kumamela xa kuthethwa nawe,
Kuphendula xa kubuzwa kuwe,
Kukungxengeza kambe wakona
Ngezimnandi ungabi namona.
Kukucenga xa ufuna into,
Kubulela unikwa izinto.
Bubus' obuhle nax' uthunywayo.
Nantso imbeko koyifunayo.

J. J. R. Jolobe.

A. P. B. — MCMLVI





4 MAR 1959

XHOSA AUTHORS EXCEL

| | |
|--------------------------------------------------------------------------------|-----|
| Khala Zome — L. M. S. Ngcwabe | 7/- |
| Indyebo Ka-Xhosa — G. Soya Mama | 7/6 |
| Intombi Yolahleko — E. F. Gwashu | 7/6 |
| Ukuphakama Ukusuka Ebukhobokeni — Washington, translated by J. J. R. Jolobe | 8/- |
| Isakhono Somfazi Namanye Amabalana — G. B. Sinxo | 6/- |
| Indyebo Yesihobe | |
| (1) eyebanga lesithathu nelesine U - 3 no -4. | |
| (2) eyebanga lesihlanu nelesithandatu U - 5 no -6. | |

PUBLISHED SHORTLY

| | |
|------------------------------------------------------------------------------|--|
| Ulwimi LwesiXhosa — H. Pahl and E. Mesatywa | |
| U-Maya Amahla-Ndinyuka Enyosi — W. Bonsels, translated by J. J. R. Jolobe | |
| Iimfanelo Neziganeko Zemihla Ngemihla — T. Manyase | |
| Ndibuzen Amathongo — L. K. Siwisa | |
| Ukutya Kweendlebe — M. Huna | |
| Ukufika KukaMadodana — S. Dazana | |

Obtainable Post-free from:

AFRIKAANSE PERS BOOKSELLERS
76, JOUBERT STREET P.O. BOX 845
JOHANNESBURG